basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

AMANQAKU	

IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE WAMA- 2012
IBANGA 2 ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA
UVIWO

AMANQAKU: 20

IXESHA: 1 lyure

IPHONDO _____

UMMANDLA _____

ISITHILI _____

IGAMA LESIKOLO _____

INOMBOLO YE-EMIS KAZWELONKE (9 iidijithi)

IBANGA (umz. 2A) _____

IFANI _____

IGAMA _____

ISINI (✓)

INKWENKWE	

INTOMBAZANA	

UMHLA WOKUZALWA

C	C	Y	Y	M	M	D	D

* 2 X H H L *

Olu viwo lungamaphepha a-8.

Umyalezo kutitshala:

Fundela abafundi umbuzo ngamnye **kube kabini ubuncinane, ngokucacileyo, ungangxamanga,** ngeli xa bejonge kwiincwadana zabo. Emva koko nika abafundi ithuba **lokuzibhalela** iimpendulo kwizithuba ezinikiweyo. Bakuba begqibile ukubhala iimpendulo zombuzo ngamnye, qhuba ubafundele, ubanika ithuba lokubhala iimpendulo de bayokufika kumbuzo wokugqibela. Ixesha lokubhala olu vavanyo luyimizuzu engama-60.

Ukuziqhelanisa

1. **Biyela igama elihambelana nomfanekiso.**



kati	njа	kukhu	nkomo

2. **Faka uphawu u-X kwibhokisi echanekileyo.**



Yini le?

yikati	yimpuku	yinja X	yinkomo

Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.

Funda ibali uze uphendule imibuzo elandelayo ukusuka kowoku-1 ukuya kowesi-6.

UVuyo uhlala efama kunye notata wakhe, umama wakhe nomntakwabo uBongani. Uyayithanda ifama kuba zininzi izinto azenzayo nezimonwabisayo. Uyakuthanda nokuya esikolweni.

Ngentsasa yangoLwesihlanu, uVuyo wahamba nomhlobo wakhe omkhulu uAnele ukuya esikolweni. Bafunda ibanga lesibini bobabini. Ukuphuma kwesikolo, babekhwela emithini kwaye beleqa amantshontsho eenkukhu. Akuba egodukile uAnele, uVuyo wancedisa umntakwabo ukudlisa iibhokhwe. Emva koko, umama wakhe wambiza ukuba aze kuhlamba izandla. Yayilixesha lokutya nokuya kulala.

Ngosuku olulandelayo wayeza kuncedisa utata wakhe xa esenga iimazi zeenkomo. Wayevuya kakhulu kuba wayekuthanda ukusela ubisi olufudumeleyo.

1. Faka uphawu u-X kwibhokisi echanekileyo.

Khetha isihloko esifanele eli bali.

UVuyo usefama.	
UVuyo uleqa amantshontsho eenkukhu.	
UVuyo ukhwela emthini.	
UVuyo udlisa iibhokhwe.	

2. Faka uphawu u-X kwibhokisi echanekileyo.

Kweli bali ngubani umhlobo kaVuyo? Ngu...

tata wakhe.	
Bongani.	
mama wakhe.	
Anele.	

3. **Gqibezela esi sivakalisi.**

UVuyo uhlala.....

4. **Phawula izivakalisi ngamanani ukusuka kwisi-1ukuya kwisi-4.**

Landelelanisa iziganeko ngokwasebalini.

UVuyo noAnele bakhwela emithini.	
Umama wakhe wambiza ukuba angene endlwini.	
UVuyo wahamba waya esikolweni.	
Wancedisa ukudlisa iibhokhwe.	

5. **Faka uphawu u-X kwibhokisi echanekileyo.**

Wayembizela ntoni umama wakhe? Wayembizela ukuba ...

adlise iibhokhwe.	
afunde incwadi yakhe.	
ahlambe izandla zakhe.	
asenge iimazi zeenkomo.	

6. **Faka uphawu u-X kwibhokisi echanekileyo.**

UVuyo wayonwabile kuba ...

wayeza kukhwela emthini.	
uyakuthanda ukusela ubisi olufudumeleyo.	
wayesiya kubona umhlobo wakhe.	
wayeza kuleqa amantshontsho eenkuku.	

7. **Gqibezela esi sivakalisi ngokukhetha igama elichanekileyo kwibhokisi engezantsi.**

Elinye igama elithetha 'ukonwaba' kuku ...

qumba	vuya	khathazeka	lila

8. **Bhala impendulo echanekileyo emgceni.**

Leliphi igama elichasene no 'mncinane'?.....

9. **Faka uphawu u-X kwigama elichanekileyo kwisivalalisi.**

Yayiyimini yabo yoku

fika	qala	gqiba

ukuhambela ePulukwane.

10. **Khetha igama elichanekileyo kumagama asebhokisini ulifake kwisivakalisi.**

Iphi indoda?

phezu	phambi	emva	ngaphantsi



Indoda iqhuba ibhayisekile ..... kwenkwenkwe.

11. **Bhala kwakhona ezi zivakalisi zilandelayo. Qala ngegama olinikiweyo.**

11.1 **Abantwana badlala endlwini.**

Izolo .....

11.2 **Baya edolophini.**

Ngomso .....

12. **Sebenzisa le khalenda ingezantsi ukuphendula imibuzo.**

Septemba						
Cawa	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu	Mgqibelo
						1
2	3	4	5	6	7	8
9	10	11	12	13	14	15
16	17	18	19	20	21	22
23	24	25	26	27	28	29
30						

12.1 Khetha inani elichanekileyo kwibhokisi engezantsi.

Zingaphi iintsuku kwinyanga kaSeptemba?

7	31	1	30

12.2 **Khetha igama elichanekileyo kwibhokisi engezantsi.**

Umhla wama-24 kuSeptemba ungolwesingaphi?

Lwesithathu	Mvulo	Lwesine	Cawa

12.3 Ingomhla wesingaphi icawa yokuqala kule nyanga?

.....

13. Le yindlu yakuloVuyo. Bhala ibali ngelakho ikhaya.
Bhala ibali elinezivakalisi ezi-4 ukuya kwezi-5 ubuncinane.

.....

.....

.....

.....

.....

.....

AMANQAKU : **20**